

ISIKHOKELO SEEMITHA ZAMANZI NEZIXHOB ZOLAWULO LWAMANZI

Ikhaya lakho okanye ishishini liqhagamshelaniswe kuthungelwano lwamanzi eSixeko. Imitha yamanzi ethi ibale ukusetyenziswa kwamanzi ubukhulu becala ifumaneka kwindawo engeneno kwipavumente ngaphandle kwepropati yakho. hoqo ngenyanga uye ufumane ityala eliphuma kwamasipala. Ukusebenzisa kwakho amanzi kubonakalisiwe kwityala elo kwaye kubalulekile ukuba uhlole ukuba belisithina usetyenziso lwakho lwamanzi kwinyanga edlulileyo.

Ngexesha lale mbalela, kubalulekile nangakumbi ukuba uhlole ukusebenzisa kwakho amanzi kwaye uqinisekise ukuba uhlale ugcine usetyenziso likumlinganiselo ofanelekileyo njengoko kucacisiwe kumanyathelo akalokunje angezithintelo zokusetyenziswa kwamanzi. Ukuhlola usetyenziso olurejistarishiweyo kwimitha yakho yindlela esisiseko yokwenza oku. Fumana indlela ngezantsi apha:

- Qinisekisa ukuba uyayazi imitha yakho yamanzi apho ikhoyo
- Qinisekisa ukuba ayiphazanyiswanga - umzekelo yisanti okanye ukhula kwaye kulula ukuyifunda
- Akukhathalisekanga nokuba luhlobo luni na lemitha yamanzi onayo, amanani amanyama amele iikhilolitha kwaye amanani abomvu amale iilitha. (Ukuhlola ukuvuza, vala zonke iitephu, musa ukuflasha/ukugungxula kwigumbi langasese okanye usebenzise amanzi kamasipala. Ukuba imitha yakho isoloko ijikeleza, oku kubonakalisa ukuba kukho ukuvuza kwipropati yakho. Nceda ufumane iinkcukacha ngendlela apho ekufaneleke ulungise ukuvuza kwa www.capetown.gov.za/thinkwater).

Imitha yakho kufuneka ifumaneka kumagosa eSixeko ngalo lonke ixesha. ISixeko sithi sifunde imitha yakho yamanzi kanye ngenyanga ukuze sibale indlela yokusebenzisa kwakho amanzi nogutyulo yangenyanga.

Ukuba imitha yakho ingaphakathi kwamasango atshixiweyo, okanye kukho ezinye izizathu ezithintelo abafundi beemitha ukuba benze umsebenzi wabo, ungalungenisa ufundo ngokwakho ngokuthi ufowunele kwa 0860 103 089 okanye ulibhalise kwaye ulingenise ufundo olo ngokuthi usebenzise ikhompuyutha usebenzisa i-akhawunti yakho kamasipala kwikhonkco lethu elingenkonzo ezikwikhompuyutha i-e-Services portal.

Ukuba unesixokelelwane solawulo lwamanzi (WMD) esifakelelwe kwipropati yakho, nceda uqaphele ukuba:

- Inkoliso yamakhaya ezindlu zezitena abonelelwa ngamanzi ngokuthi kusetyenziswe uqhagamshelwansi lwamanzi oluli-15 mm okanye ama-20mm kwaye lonke ufakelelo olutsha nokutshintshwa kweemitha kwezi propati luzi-WMDs.
- Umxumi othe wachongwa siSixeko njengalowo usebenzisa kakhulu amanzi, ngokubhekiselele kubek'iliso laloo akhawunti, uyakuthi afakelelwe isixokelelwane se-WMD ngenxa yokuba kungathotyelwa amanyathelo ezithintelo zokusetyenziswa kwamanzi. Ngokwalo mbandela:
 - » Isixokelelwane se-WMD sithi simiselwe ukuba sibenesabelo sarhoqo ngosuku seelitha ezingama-350 ukuze sithintele ubonelelo ngamanzi kwipropati ngokungqinelana nezithintelo zokusetyenziswa kwamanzi zakalokunje.
 - » Umxumi uye wafumana ileta esisilumkiso ukuba acuthe indlela yokusebenzisa amanzi okanye enze isicelo sokusebenzisa amanzi angaphezulu komlinganiselo. Emva kokuba kufunyenwe isicelo, isixokelelwane i-WMD siyakuthi simiselwe ngokomlinganiselo ophunyeziweyo.
 - » Umlinganiselo uthi ugqitywe ngokwezinga lakalokunje lesithintelo nomlinganiselo wenani labantu elihlala kuloo propati yokuhlala usapho olunye, apho isisithathu ukuya kwisine.
- Bonke abaxumi abangabo bangathathi-ntweni abayinxal'enye yeProwujekthi engokuVuza kwaManzi bayakuthi bafumane isixokelelwane i-WMD apho simiselwe iilitha ezingama-350 ngosuku. Oku kuyakuthi kuhambelane nesibonelelo okanye isixhamlo seProwujekthi engokuVuza kwaManzi kwaye iyakuthi ithathelwe ingqalelo ngokungqinelana nenkqubo engokucinywa kwetyala.
- Bonke abaxumi apho sele kuthathelwe inyathelo lokuqokelelwa kwetyala nalapho isixokelelwane i-WMD sele simiselwe kwipropati, bayakuthi bamiselwe ukufumana ama-200 eelitha ngosuku, ngokungqinelana nommiselo ongezabelo ezingundoqo.
- Isabelo semihla ngemihla simiselwe ukuba siqalise ngeye-04:00. Nokuba uyakube usigqibe nini na isabelo sakho semihla ngemihla, isabelo sakho somhla olandelayo siyakuthi sifumaneka ngeye-04:00 ngemini elandelayo.
- Kufuneka ugcine zonke iitephu zakho zivaliwe ubusuku bonke njengoko uyakuthi uqalise ukusebenzisa isabelo sakho kwaye wenze inkcitho yamanzi xa kubuyiselwe ubonelelo ngamanzi ekuseni ngeye-04:00.
- Ukuba khangela usisebenzise isabelo sakho semini, intsalela yaso iyakuthi igqithiselwe kusuku olulandelayo kude ibelusuku lokugqibela enyangeni.
- Ukuba ufuna ukunika izizathu ngokumalunga nokunyuswa kwesabelo sakho sarhoqo ngosuku, nceda undwendwele kwangoko i-ofisi kamasipala engentlawulo ekufutshane nawe okanye ufumane ifomu elixwebhu lokwenza isicelo kwikhonkco elikwikhompuyutha elungu www.capetown.gov.za/thinkwater.

CINGA NGAMANZI
NAKEKELA OKUNCINANE. YONGA KAKHULU.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

NGOKUXHOMEKEKE KUHLOBO LWEMITHA, ISIXOKELELWANE I-WMD SIBONAKALA NGOLU HLOBO:



UHLOBO OLULI-15 MM LOQHAGAMSHELWANO OLUYI-WMD

- Imbonakalo yamanani (kufoto olungasekhohlo) akufunekanga ukuba libhidaniswe nokufundwa ngokungqalileyo kwemitha (ufoto olukwicala langasekunene). Imbonakalo le ayisebenzisi inkqubo yemitha, kodwa ibonakalisa nje ingcaciso ethi iyifumane kwimitha yamanzi.
- Nceda uqaphele ukuba isabelo semihla ngemihla sithi sibale ukuya ezantsi (hayi ukuya phezulu), oko kuthetha ukuthi kwisabelo esinikezelweyo (iilitha ezingama-350) siyakuthi sisebenze ngokuhla ukuya kuziro.



UHLOBO OLUNGAMA-20 MM LOQHAGAMSHELWANO OLUYI-WMD

Nikezela ingxelo ngokumalunga neengxaki zamanzi (imibandela yokugqabhuka kwemibhobho yawo okanye ingxaki yeemitha) nezohlwayo ezingezithintelo:

- Fowunela 0860 103 089 (uchonge ummiselo-2: iingxaki ezimalunga namanzi)
- Imeyilela kwa water@capetown.gov.za
- Kwikhompyutha ngokuthi usebenzise ikhonkco lethu elingu www.capetown.gov.za/servicerequests
- SMS 31373 (umlinganiselo wamagama ali-160)
- Sebenzisa u WhatsApp 063 407 3699

Ncedisana kunye nathi ekulondolozeni amanzi:

ISixeko senza kangangoko sinakho ngokuthi sibangele iKapa ukuba limelane nale mbalela kodwa sifuna ngakumbi inkxaso yabahlali bethu. Amanzi bubomi.

Siyakubongoza ukuba uzibandakanye namalinge eSixeko kunye nabami abaninzi baseKapa ukuba siqubisane nale mbalela sibanye kwaye sithintele ukufika kosuku apho amanzi angasayi kubakho, usuku apho iitephu zethu zingasayi kuphuma amanzi.

Nceda uqaphele ukuba izithintelo nemigqaliselo ekujoliswe kuyo yokusetyenziswa kwamanzi zisenokutshintshwa ngokwesaziso esifutshane, kusenziwa inzame yokuqubisana nengxaki ekujongwane nayo.

NCEDA UNDWENDWELE KWA-WWW.CAPETOWN.GOV.ZA/THINKWATER UKUZE UFUMANE IINKCUKACHA EZINGEZINYE, NGOKUMALUNGA:

- Nonkinkisho lwamanzi
- Indlela engokuphonononga ukuvuza kwipropati yakho
- Indlela yokulondoloza amanzi
- Indlela yokusebenzisa amanzi amdaka (amanzi asele esetyenzisiwe)
- Izixhobo (izixokelelwane) zolawulo lokusetyenziswa kwamanzi.
- Imithombo yamanzi engeminye nengcaciso engeyakalokunje